## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Yinciniba. √ (1)

1.1.2 Yinyaniso, kuba inciniba ibaleka ngesona santya siphezulu kunazo zonke ezinye iintaka. / Ibaleka ngesantya esikhulu. √√ (2)

1.1.3 Lidala amathuba amaninzi omsebenzi/imveliso yeenciniba ithunyelwa kumanye amazwe kwaye oku kuzisa imali eMzantsi Afrika. √√ (2)

1.1.4 Zibaleka iikhilomitha ezingamashumi asixhenxe/ezingama-70. √ (1)

1.1.5 Ziinyawo zazo ezinde. √ (1)

1.1.6 Asetyenziswa ekupholiseni umzimba wayo xa kushushu √ nasekubalekeni ukuze ingawi. √ (2)

1.1.7 Amatye ancedisa ekusileni ukutya esiswini senciniba. √ (1)

1.1.8 Amaqanda angama-24. √ (1)

1.1.9 Amantshontsho aqala ukuhamba emva kokuzalwa kwawo. √ (1)

1.1.10 Kufunyanwa amaqanda angama-40 ukuya kuma-60. √ (1)

1.1.11 Iintsiba, √ ufele√ namanqina. √

(Naziphi ezimbini kwezi mpendulo zamkelekile.) (2)

1.1.12 Inkunzi yenciniba ineentsiba ezimnyama namhlophe,√ kanti imazi yona ineentsiba ezingwevu namhlophe. √ (2)

1.1.13 Ngabasebenzi √ kuba bangaphelelwa ngumsebenzi. √/ngabathengi nabathengisi benyama yenciniba √ kuba kungehla umthamo wenyama yenciniba. √ / Ngamafama √ kuba kunganyanzeleka azibulale iinciniba zawo. Oogqirha bezilwanyana √ kuba kuwongezeleka umthamo weenciniba ezigulayo. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.) (2)

1.1.14 Kufuneka uqale ngokufaka ingxowa kwintloko yayo, √ emva koko ubeke imilenze yakho phantsi kwamaphiko ayo √/susa ingxowa kwintloko yenciniba uyiyeke ibaleke.√ (3)

1.1.15 Ewe, ndingathanda ukuyikhwela ndizonwabise. √√/Hayi, ndiyoyika ukukhwela inciniba/andithandi ukukhwela inciniba. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.) (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | 1.2.1 | Zimbini/zi-2. √ | (1) |
| | 1.2.2 | Sisinxibo sakhe/iyunifomu / Ihempe neqhina. √ | (1) |
| | 1.2.3 | Yincwadi yeMaths / Yincwadi yezibalo. √ | (1) |
| | 1.2.4 | B/Ukhathazekile. √ | (1) |
| | 1.2.5 | Kufuneka alale ngexesha √/atye ukutya okunempilo/afunde kwangexesha/aphumle ngokwaneleyo. √ | |
| | | (Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile). | (2) |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
    - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo. (3)

Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo

| IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO | |
|---|---|---|---|
| 1 | 'Xa usiya kubaleka endleleni, kufuneka uxelele abantu ohlala kunye nabo. Ungashiya umyalezo kusapho lwakho ulucacisele ngendawo oza kubalekela kuyo kunye nexesha oza kubuya ngalo.' | 1 | Xelela abantu xa usiya kubaleka ubaxelele nangendawo oza kubalekela kuyo. √ |
| 2 | 'Xa usiya kubaleka kubalulekile ukuphatha incwadi yakho yesazisi, iselulafoni kunye nephepha elineenombolo zokuqhagamshelana nabantu abakwaziyo.' | 2 | Phatha isazisi neselulafoni xa ubaleka endleleni. √ |
| 3 | 'Iimpahla ezinxitywa ziimbaleki zidlala indima ebalulekileyo kukhuseleko lwazo. Iimbaleki mazinxibe iimpahla ezikhazimlayo okanye ivesti ebuyisa ukukhanya.' | 3 | Nxiba iimpahla ezikhazimlayo, xa ubaleka ebusuku. √ |
| 4 | 'Abantu abaninzi bayathanda ukubaleka kwicala langasekhohlo endleleni. Oku kubangela ukuba iimoto ziphele zisiza ngasemva kubo. Kunzima ukuphepha iimoto ezivela ngasemva. Yiyo loo nto kubhetele ukuba iimbaleki zibaleke kwicala langasekunene.' | 4 | Baleka kwicala langasekunene endleleni ukuze ubone lula iimoto ezisondelayo. √ |
| 5 | Kubhetele ukubaleka ngaphandle kwezincedisi zokumamela okanye umntu afake isincedisi sokumamela esinye kwindlebe enye kuphela, ukuze abe nakho ukuva kakuhle. | 5 | Sukusebenzisa izincedisi zokumamela xa ubaleka. √ |
| 6 | Iimbaleki ezibaleka ebusuku ngaphandle kokuphatha ithotshi zizifaka engozini kuba kunzima ukubona umntu obaleka ecaleni kwendlela ebusuku. | 6 | Baleka uphethe ithotshi ebusuku ukuze ubonwe lula ngabaqhubi. √ |
| 7 | Iingozi zingenzeka lula ukuba iimbaleki okanye abanye abasebenzisi beendlela baphantsi kweempembelelo zotywala. | 7 | Utywala buyingozi kwiimbaleki nakubasebenzisi beendlela. √<br><br>(Amagama angama-50) |

(7)

**OKANYE**

Xelela abantu xa usiya kubaleka ubaxelele nangendawo oza kubalekela kuyo. √ Phatha isazisi neselulafoni xa ubaleka endleleni. √ Nxiba iimpahla ezikhazimlayo, xa ubaleka ebusuku. √ Sukusebenzisa izincedisi zokumamela xa ubaleka. √ Baleka kwicala langasekunene endleleni ukuze ubone lula iimoto ezisondelayo. √ Baleka uphethe ithotshi ebusuku ukuze ubonwe lula ngabaqhubi. √ Utywala buyingozi kwiimbaleki nakubasebenzisi beendlela. √

(Amagama angama-50) (7)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Yisepha iDettol. √ (1)

3.2 Indala. √ (1)

3.3 Hlamba ujuxuze ngeDettol! √ (1)

3.4 Yi-R10 qha. √ (1)

3.5 Sijolise kusapho lonke √ kuba nabani na kusapho unakho ukuyisebenzisa le sepha.√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)

3.6 Ivumba le-orenji √ limnandi. √ (2)

3.7 Yeyona √ yokuhlamba. √ (2)
**[10]**

### UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 NguNontyi √ noKufa. √ (2)

4.2 Fikani niphila. √ (1)

4.3 Le moto ibhabha emoyeni. / Imoto iyatsiba. √ (1)

4.4 Isantya siyabulala. √ (1)

4.5 Akulunganga ukuqhuba uphantsi kweempembelelo zotywala/Isantya siyabulala. / Fika uphila. √√ (2)

4.6 Ufile. √ (1)

4.7 Kuba ucinga ukuba uNontyi uza kufa/Ucinga ukuba uNontyi angangena engozini.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI.

5.1 5.1.1 Imi- √ (1)

5.1.2 Abantu √/Amanzi. √ (2)

5.1.3 (a) Zintle. √ (1)
(b) Ampontshwa. √ (1)

5.1.4 B / Isixando sokwenzisa. √ (1)

5.1.5 Iidolophu. √ (1)

5.1.6 ekugcinwa. √ (1)

5.1.7 impilo/ukuphila √ (1)

5.1.8 (a) akasetyenziswa / awasetyenziswa √ (1)
(b) asingobantu √ (1)

5.1.9 Ngaphandle √ namanzi. √ (2)

5.1.10 Amatanki amakhulu agcina ntoni?/Agcina ntoni amatanki amakhulu?/Angakanani amatanki agcina amanzi? / Yintoni egcina amanzi? √

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (1)

5.2 5.2.1 Nantsi. √ (1)

5.2.2 Gca. √ (1)

5.2.3 Andiluphumelelanga olu viwo. / -lu-√ (1)

5.2.4 Esi √ siphumo. √ (1)

5.2.5 Usebenzile/Ndisebenzile. √ (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

## ICANDELO D: UNCWADI

## UMBUZO 6: *UMZALI WOLAHLEKO* – GB Sinxo

6.1 6.1.1 NguGakhulu, √ uNdopho, √ uNdimeni, √ uLiziwe, √ uWeziwe √ uNojaji . √

(Nabaphi ababini kwaba balinganiswa bamkelekile.) (2)

6.1.2 UNdimeni ngokuya wayesemncinane wayengakwazi ukubiza uMakhulu koko wayesithi Gakhulu. √√ (2)

6.1.3 A/Wayehleli elangeni √ (1)

6.1.4 NguMenzile √ noNojaji. √ (2)

6.1.5 Wayedlalisa ngeenkabi zoodolosi. √ (1)

6.1.6 Ibonakalisa ukothuka okanye ukumangaliswa. √ (1)

6.1.7 Ukubaleka √ (1)

6.1.8 Wakhupha abantwana esikoweni baphela bephoswa yimfundo √/ Wayekunqanda ukululekwa komntwana wakhe uNdopho ngumyeni wakhe uMenzile kangangokuba uNdopho waphela engenasimilo √/ Wayemphatha kakubi uNdimeni ongunyana womyeni wakhe √/ Wayengafuni iintombi zakhe zenze imisetyenzana yendlu zaphela zingenamkhondo ebomini √/Wayengafuni ukuba uNdopho ohlwaywe esikolweni. √

(Naziphi iimpendulo ezintathu kwezi) (3)

6.1.9 B/Isihlonipho √ (1)

6.1.10 Bendiza kumbetha. √√/Bendiza kuthetha naye ndimfundise indlela yokuthetha kakuhle nabantu abadala. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

6.1.11 (a) (iii)/UNojaji √ (1)

(b) (v)/UGakhulu √ (1)

(c) (i)/UJomsini √ (1)

(d) (vi)/UWeziwe √ (1)

6.2 6.2.1 Wakhutshwa ngunina. √ (1)

6.2.2 Ibakala lesithathu. √ (1)

6.2.3 Waya kucela uxolo kutitshala uNdlela √ wacela ukuba uNquphephe noNdopho bangagxothwa esikolweni. √ (2)

6.2.4 'zazicebise ukuba asiwe esikolweni' √√ (2)

6.2.5 Ndiyavumelana kuba iintombi zikaNojaji ngamavila kuba zazingasebenzi kwaye zilala imini yonke. √√ (2)

6.2.6 B/UNojaji zange avume. √ (1)

6.2.7 Bendiza kucela uncedo lokukhuselwa nguMenzile kuNojaji./ Bendiza kuthetha noNojaji ndimxelele ukuba andiyithandi indlela andiphethe ngayo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.2.8 C/owonqenayo. √ (1)

6.2.9 Hayi, yinto embi kuba ukukhutshwa komntwana esikolweni kungalibulala ikamva lakhe./Ewe, kulungile ukukhupha umntwana esikolweni xa engafundi tu kuba uchitha imali yabazali bakhe. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.2.10 Sasingalunganga esi senzo kuba xa ungumntwana kufuneka ucele imvume kubazali ngalo lonke ixesha uza kuhamba. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.2.11 C √ D √ A √ B √ (4)
**[40]**

**UMBUZO 7: *AMATHUNZI OBOMI* – JJR Jolobe**

7.1 7.1.1 Emzini kaMaDlomo. √ (1)

7.1.2 UMaDlomo ufuna ithuba lokubala imali. √√ (2)

7.1.3 Le mali iyabotshwa ize ifakwe etyeyeni. √ √ (2)

7.1.4 Kuza kubhatalwa irente. √/Kuza kuthengwa izinto zeshishini. √/ Kuza kuthengelwa oonyana iimpahla nokutya. √ (3)

7.1.5 UThemba uneminyaka elishumi elinesithathu./une-13. √ (1)

7.1.6 A/Into azimela ngayo. √ (1)

7.1.7 Lipolisa √ (1)

7.1.8 Ewe, ungoyena mntwana uthenjiweyo nguMaDlomo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

7.1.9 Libali likaDavide noGoliyathi. √ (1)

7.1.10 Ufunde ukuba nokuba umntu unomzimba omkhulu okanye onezoso, oko akuthethi ukuba womelele okanye unamandla ukogqitha abo bangenamizimba/Ufunde ngeendlela ezizezinye zokulwa nezigebenga nangokukhalipha. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkela.) (2)

7.1.11 (a) (ii)/utitshala (1)

(b) (vi)/uKrila (1)

(c) (i)/ipolisa (1)

(d) (iv)/uNgxaki (1)

| | | | |
|---|---|---|---|
| 7.2 | 7.2.1 | Unabantwana ababini. √ | (1) |
| | 7.2.2 | NguKrila √ noRichard. √ | (2) |
| | 7.2.3 | Wayengafuni ukuba uThemba abe phantsi kwempembelelo yotywala. √√ | (2) |
| | 7.2.4 | D/Uhamba esiya ngapha nangapha. √ | (1) |
| | 7.2.5 | Wamthuma ukuba aye kudlala kuloToto. √ | (1) |
| | 7.2.6 | Ekuhlanganeni kwezitrato. √ | (1) |
| | 7.2.7 | Ngumshumayeli √ | (1) |
| | 7.2.8 | Butywala √ | (1) |
| | 7.2.9 | Kukuba uMaDlomo wayengafuni abanye abantu bayazi ukuba kuselwa utywala emzini wakhe. √√ | (2) |
| | 7.2.10 | UMaDlomo wabanjwa ngamapolisa. √ | (1) |
| | 7.2.11 | Ukungathobeli umthetho kungakhokelela ekohlwayweni/ Ukusebenzisa abantwana kwizenzo ezigwenxa kungabafaka engxakini/Ukuba ngumzali osebenza nzima yinto entle. √√ | |
| | | (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.) | (2) |
| | 7.2.12 | Lichanekile kuba umama wakhe wayethembele kuye kwaye akazange amphoxe. √ | |
| | | (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkelwa.) | (1) |
| | 7.2.13 | C √ A √ B √ D √ | (4) |
| | | | **[40]** |

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 120**